



Max Schupbach



## **liPunks, Osomashishini, amapolisa, abahlali, kunye nezinye izethameli kwihlanganiso ebise Zurich.**

**Ngu-Max Schupbach, onesidanga se Ph.D.**

Kulendawana abhalwe ngokuluhlaza elandelayo kukho amagqabantshintshi ezimvo zika Amy kunye no Arnold Mindell's ezibizwa I-Worldwork theory. Banika iinkcukatha ngamanye amagama angathi alindeleke. Xa ungumntu osele nolwazi nge-Worldwork okanye ungena mdla ngencukatha ezithe vetshe ngobuntoni bayo, ungabe uhlabela mgama.

### **Amagqabantshintshi e-Worldwok Theory**

Nanka amagqabantshintshi e-worldwork theory azakuthi ankcede ukuba luqondeke bhetele oluhlalutyo. Ukufumana iinkcukatha ezithe vetshe ngokoyamene nalomba unako ukufunda indatyana esisingeniso ebizwa nge [Worldwork - Transformation in Organizations, Communities, Business and the Public Space.](#)

Ngokwe Worldwork, umbutho usebenza ngendlela ezininsi ezohlukeneyo nezigaba ngezigaba. Isigaba sokuqala sesokuqhubeka imihla ngemihla okuchaphazela iinkcukatha ngombutho, abantu, izakhiwo, imingweno, amahlelo kunye nengxaki ezidinga ukusonjululwa. Kwakhona, kukho isigaba sombutho esijongene ngqo nokugcinwa kwemiqathango. Siso kanye esisi gaba sombutho esijongene ngqo nokuvakaliswa kwembono zabantu ezohlukeneyo, bantu abo bangamalunga ombutho. Konke okungathi kujongeke njenge ngqinambi okanye iingxaki kuzinzame zombutho ukugcina yonke imicimbi yawo icalanye. Kuzo ezo nzame zokulungisa ukuhlala kuba kho imbono ezithi zibalasele kwakhona kube kho ezo ziye zingabi nako ukufumana ukuhoyeka okwaneleyo. Ukwenza umzekeliso, khawufane ucinge inkokheli yombutho izakuthi "somelele kwaye asoyiki nto, sizakuphumelele linetha okanye liduduma". Okuyaye kucace into kubana kukho umntu othethelwayo nozifumana evinjwa inxaxheba yokuveza izimvo zakhe. Komnye wabo unako ukuphelelwa lithemba nokuba namathandabuzo ngenkqubela yombutho. Thina njengabongamelihlanganiso kungumsebenzi wethu ukuqinisekisa ukuviwa

nokuvakaliswa kwezakhe nobani na izimvo. Khawufane ucinge lombutho ungabadlali beqonga abangena nkokheli eqwalasele ukulungiswa kweziphoso kwindlela ekudlalwa ngayo. Ngelixa wenza inzame zokukhokhela umbutho kube sengathi kukho isandla semfene simbi esijongene nokukunyola kanti nje zizinto ezingxamele ukuzenzakalela unothanda. Kukho izimvo ezibalaseleyo ze kube kho ezo zingavakaliswayo (ghost roles). Kukho -ke zo zimvo ezidla ngokwamkelwa ngo elethu okanye ngumntu wonke kwimibutho eyahlukeneyo. Ezimbono zingavakaliswa ngaphaya kokufumana ukukhatywa nguye nabani na. Kwelinye icala, ezi zimvo ezidla ngokungavezwa zezo ezingathathwa njengezona zakha zabaluleka ngokwendlela ekuqhutywa ngayo kuwo nawuphi na umbutho. Nangona ezi zimvo zingadli ngokuphumela ekubala, nguye nabani na uyayazi into bana ziyamuchaphazela. Ubukho bezi zimvo ezidla ngokungavezwa buyaye bubonakale xa sele kuthethwa, engekho ode aphume egusheni. Zombini ezi zimvo, ezo ezicacileyo kunye nezifihlakeleyo zingafaniswa nomdlalo weqonga wonopopi. Khawufana ucinge onopopi ababini beseqongeni besathetha kunjalo ze kuthi gqi isithunzela sika nopopi wesithathu ngaphaya kwekhetini. Ngelixa abo nopopi ababini bathethayo, esi sithunzela sikanopopi wesithathu sinokumana siba ne ntwana ntwana esizithethayo. Abo nopopi abame ngaphambili bangayiqondi le eyesithunzela sikanopopi wesithathu esingaphaya kwekhetini. Ngelixa esithunzela simana ukuba nentwana esizithethayo aba nopopi ababini bacinga ukuba ngomnye phakathi kwabo bobabini othethayo. Izihlewe ezithamele lomdlalo zithi zakuyiqwalasela ziyihleke yonke lento nangona osingaye okungonopopi beqonga bengafumani nto tu kwaphela engathi ibe nokuhlekisa. Ukuba bekunokwenzeka ukuba aba nopopi basibone esithunzela oko bekungathi kufaniswe nezi zimvo ezidla ngokuvakaliswa ze umfanekiso wesithunzela sika nopopi ufaniswe nezo zimvo ezingavakaliswa. Lomfanekiso uzotshwe ngaphezulu owezihlewe ezibonakalisa ukuwuvuyela lomdlalo weqonga kodwa abadlali bawo bona bengafumani nto encumisayo ngawo, ubonakalisa indlela izinto ezidla ngokwenzeka ngayo kwimibutho eyahlukeneyo. Uthethathethwano ikakhulu xa kukho imbono ezahlukeneyo lungaba ngunobangela wokwephuka kwemimoya kanti xa ingathi kube kho ukuliqonda oluhlalutyolwemeko zasembuthweni obesele zikhankanyiwe ngaphezulu, kungathi kuzise uncumo.

Zinto ezi ekulindelekileyo into bana fanele ungaba siyazazi sonke xa kuthethwa ngezinto zokwenene ezithi ziqhubeke embuthweni ndingasayithethi eyezo ezibunyani bazo buyathandabuzeka. Njengoko besesike satsho ukuba ilixa nelixa kukho uthethathethwano zikho izimvo ezizovela ze kubekho ezo ezithi zikho zingenakuvakaliswa. Ezi zimvo ziphumelelayo zezo ezivakaliswa ngokucacileyo ngokungenamathandabuzo nokujonge ngqo emxholweni kodwa siyakuva ukusebeza kwezo zimvo ezigcinwe ngaphakathi okunobumfiliba.

Omnye wonobangela wokuba kube nezimvo ezithi zifihlwe zingavakaliswa ezinhlanguanisweni kukuba kho koloyiko lweziqhamo ezimbi ezingathi zibe nokuvela. Sesikwamkele ukungaphalazi yonke into esezifumbeni zethu ngemiba ekuthethwa ngayo ezinhlanguanisweni nto leyo eyenza singafumani sisombululi kuninsi lwengxaki esinazo. Ikwa yinto ebhetele kunokuba sizifumane sele sizintshaba. Lento ivakala kangcono xa uyijonga uyivelela ngakwelinye icala ngokwe Worldwork theory. Ezi zimvo ezithi zivakaliswe nezo ezigcinwa ngaphakathi azichapazeli nje kuphela iqaqobana labathile koko zichaphazela uwonkewonke. Singatsho-ke ukuba ukuhlalutya ezi zimvo ezithi zingavezwa kwenza nawe uzibone ukuba bowukwa mdibi mnye naba bantu ocinga ukuba bangunobangela walo lonke uhlobo lwenzima embuthweni. Ilonto kanye eyenza into bana xa kuthe kwaba kho mntu wumbi ovakalisa uluvo olungahambisaniyo nabaninsi ze athi esokuhamba kube kho mntu wumbi ozakubambelela kwelo lizwi ebeke walivakalisa elo kanye unisni olungavumelani nalo. Nangona kulula ukuqwalasela ukungavakaliswa kwezimvo ezithile xa ujonga eminye imibutho uyakufunamisa ukuba leyongxaki oyibona kwabanye ikwakho kwakulona owenu umbutho nangona ezi zimvo zidla ngokucalucalulwa. Xa uqwalasela unokubona ukuba kwenzeka njani ukuba omnye nomnye walemibutho esele siyikhankanyile uveze ubume bawo komnye ngalengxaki yokungavulelani izifuba.

ukuba umntu akhe azifumane kwaye azazi yena buqu leyo akuyonto enokuthi yenzeke ngokwengcinga nangokwenjongo zakhe kuba zizo kanye ezo ngcinga ezimnqandayo ekusombululeni iingxaki ezichaphazela umbutho wakhe. Esi sipili esizijonga kuso siso kanye esenza ukuba siqonde mhlophe ukuba njengoko nathi sisenokuba yinxalenye yengxaki ezisihluphayo lonto yenza siqonde ukuba nabanye abantu kwenzeka njani ukuba babe yinxalenye yengxaki zethu. Yiyo kanye lonto ngamaxesha amaninsisi singadli ngokuphuma egusheni xa sithethathethana.

Ukukwazi ukuwuqonda lomcimbi kungaba nako ukuphazamisa ukuzola emimoyeni. Kuyaye kusinyanzelise into suwuwele umlanbo wengqukuleko. Xa sinokwazi ukwenza oko ze sijongisise amanyathelo ethu ngengqikelelo, singasose sesiba nako ukuyamkela lengxaki yezi zimvo ezingavakaliswa njengengxaki yombutho uphela. Xa esethe nabani na wakhanyiseleka ngolwazi olunzulu oluziswa kuku phunyeleliswa ekubala kwezimvo ngezimvo umbutho uphela uyaye uxhamle ngendlela ezininsi ezahlukeneyo. Xa lento uyijonga ngoluhlobo ezi zingxaki zizinto ezilungele ukuguqulwa zibe ngezizisa inkqubela embuthweni. Kungumsebenzi kamongameli nhlnganisiso ukuba nguye nabani na azive amkelekile ukuvakalisa izimvo zakhe kunye nokuqinisekisa into yokuba xa iphela inhlanguanisiso zonke iingxaki sele zisonjululiwe kwaye nguye nabani na sele ezijonga ngeliso elahlukileyo iingxaki zombutho. Nguye nabani na onenxaxheba ayidlalayo enhlanguanisweni kwaye kulilungelo kunye noxanduva lwakhe ukuqinisekisa

into kubana inhlangotho nenhlangotho izala ezincumisayo iziqhamo. Kukwaluxanduva lukamongameli nhlangotho ukuqinisekisa into kubana akunaloyiko kwaye nguye nabani na ukhuselekile ekuvakaliseni izimvo zakhe.

Ukuze yongameleke ngempumelelo inhlangotho, kuyanyanzeleka into kuba umongameli nhlangotho ze aziqwalasele imfuno nenjongo zikawonkewonke. zikho ezi zimvo ezidla ngokungavakaliswa zibe zizezona ezidlala indima enkulu ekuqhubekkeeni kwenhlangotho, zimvo ezo ubukho bazo obudla ngokungaqwalaselwa yimibutho emininzi. Omnye wemizekeliso wezi zimvo ngamava. La ke ngamava okuqonda nzulu ngobomi kunye nabantu, lonto ethi ikhatshwe kukunika imbeko uluntu luphela okuhambisana nukuvakaliswa kwembono ezahlukeneyo ngendlela engazukudala uxambuliswano. Undoqo ngamava umntu nomntu anawo ngobomi nendalo. Ezi ke zizinto adla ngokuziva kwaye azigcine ngaphakathi nekunganyanzelekanga into yokuba ade abe uyazivakalisa ngomlomo. Onamava ngobomi angama kulonto akholwa yiyo. Eyonto akholwa yiyo akanyanzelisi into yokubana nguye nabani na makakholelwe yiyo koko uyivakalisa ngendlela ezakwenza ukuba nguye nabani na azive enomdla kuyo. Amava-ke awabalwa ngazilimela kunjalo nje oku awanako ukuthi uyinkokheli okanye umntu nje ofana naye nabani na.

## **Isandulelo**

Istadelhoferplatz ebizwa Stedelhofen Square ngesiNgesi iyindawo yokuthengisa enendumasi kwidolophi yase Zurich e-Switzerland. Uwonkewonke uquqa ebuyelela ukuyozifikisela kwindawo zokutya zodidi oluxhomileyo kuquka nezinye iivenkile ezifumanekayo kulendawo. Kunondlunkulu othengisa ukutya ohambisana nezindawo zokuphumla ngaphandle okulungiselelwe ingqansini yangehlobo. Maphapathi nalendawo kukho impophoma ekugobhoza kwamanzi ayo kujongeka kungayekeki nobuhle bentyantyambo obubalaseleyo. Iinginginya zishiyana ngotyefezo ukuyozifikisela kololiwe abaziko labo lifumaneka kwalapha kufuphi.

Kwakutsha nje, I-stadelhoferplatz seyiye yona ntandane yePunks eziquqa ziphindelela ziphuma kulo lonke lase Yurophu. Apho ke baba mdibi mnye nendidi zabantu ezidla ngokucalucaluleka emehlweni abaninsi. Oku kuquka izibhadubhadu, kunye ne 'alkis' okuligama lesilenge elidla ngokusetyeenziswa xa kuthethwa ngamanxila adla ngokuselela kulendawo. Apha kuphinde kufumaneka abantu abaninsi abane 'polytoxicomania' eyiligama lesi Latini elijongiswe kwabo abangamaxhoba eziyobisi ezifna ne

heroin, cocaine kunye ne amphetamines. Ngamanye amaxesha kuyanyembeleka ngenxa yemfazwe ezibangelwa bubushushu obuziswa ziziyobisi kunjalo-nje oku kuba nengxolo engaphaya kokwenza eziswa imisasazo ephathekayo yalamanxila. Ezipunks zikwanako-ke nokufuna imali nokutya rhabaxa kwabo bagqitha ngendlela. Sekube kho izikhalo eziliqela kubantu abazifumana begrogriswa zezi punks, oko kuquka abantu abangabahlali nabo abasuke bedlula ngendlela. Bayakhalaza ngokoyikiswa indlela ezijongeka ngayo ezi punks ezidla ngokuhamba nezinja ezoyikekayo. Nazo iipunks zibonakalisa ukungayonwabeli into yokuthotywa isidima ngabo bahambi abasuke bezodlulela ngendlela.

Ngesantya esingumangaliso, Izurich ibonakalisa umehluko kwindlela yokuphila kwabantu xa kuthelekiswa neminyaka elisuimi egqithileyo apho uninsi lwabantu abangebo bami belilizwe okuquka abo abaphuma kumazwe asebumelwaneni afana ne Greece, iSpain, elasentaliyane, kunye ne Turkey. Into eqwalaselekayo eyokuba iZurich seyiphendukile yaba likhaya lwenhlobo ngenhlobo zabantu eziphuma kwizwekazi liphela. Uninsi lwabemi beli lizwe bayifumanisa inobunzima lenguqu. Kwelinye icala uninsi lwabantu abangebo bami baseZurich kakhulukazi abo bangabatshakazi bazifumana bejongene nenzima yocalucalulo. Abo abangeyo nzalelwane yase Zurich bamaxhaphetshu becenga ulwamkeleko kwabanga bemi belilizwe nangona ama Swiss ethi okuka Khesari kokuka Khesari.

Nangona ingxaki zikho ngobuninsi bazo, I-Stadelhofen ibonakala ine kamva eliqaqambileyo. Urhulumente weli ubesele ewutyumbile umbutho wamapolisa into bana unqande ulwaphulomthetho oko okungumzamo ongakhange ubuthundeze uburhlalarhume. Amapolisa abonakalisa impumelelo ekunqandeni ulwaphulomthetho kweloqondwana lwabantu abanoko ukohlwayeka ngokwasemthethweni, kukwakho-ke neloqondwana labantu elibonakalisa ukuyichasa eyolwaphulomthetho elithi ngokusemandleni lisebenzisane nama polisa. Hhayi-ke eyepunks ayithethwa nakuthethwa kuba azinako ukohlwayeka ngokwase mthethweni okubangelwa bubuhlwempu nokungabi nanto esandleni. Nokubagxotha akunkcedi nganto kuba baquqa bebuyelelo okwezulu lase Mthatha.

### **Inhlanganiso yase dolophini**

Ngenxa yale meko, uLukas Hohler weSIP Zurich eyinhlangano ejongene nezenhlonhle kwidolophi yase Zurich iphela kunye nam, siye sabiza inhlanganiso ukuzama ukudala imvisiswano kumaqela ahlukeneyo. ULukas ubesele evumelene nabo abaphuma kuma ziko ahlukeneyo okuquka abecandelo lezobushishini, umongameli wamapolisa, abongamele idolophi kunye ne punks ukuba nantoni na eyingxaki iziswe ngaphambili ukwenje njeya ukunkcedisana ze kufumaneka uxolo. Kwimini ezimbini ezandulela eyenhlanganiso siye saba ne ndibano nabo abachaphazelekayo ze bavakalise

izimvo zabo ngenhlanganiso. Ngasekuqaleni uwonkewonke ubenamathandabuzo ngokungathi kwenzeke kule nhlanganiso. Noko sibe nochulumanco ngokufika ko singaye ngobuninsi babo. Ubekho lowo owongamele amapolisa ekhatshwa umnkcedisi wakhe, kukho-ke nosomashishini bendawo, kanti ube kwakho nalowo oyinxalenye yomzi owengamele ledolophi, abo abangenamakhaya abahhamba behlala, iipunks nezinja zazo, ii-alkis, abantwana besikolo, abahlali ndibala ntoni na!

Ngasekuqaleni kwenhlanganiso ziye zabakho izithethi ezimele amacandelo ahlukeneyo eziye zavalisa izimvo zazo okuquka abezo shishino, amapolisa, iipunks kwakunye nomfundi ophuma kwesinye sezikolo samabanga aphakamileyo esinabafundi abadla ngokundwendwela lepaki eyilikhaya lepunks. Okuye kwabaluleka koku:

**Abongamele amashishini:** ezi zibhadubhadu zifaka unyawo lwemfene kushishino luphela, ngokugrogrisa abantu. Ezi ganeko ziwuthobile kakhulu umgangatho woshishino. Siyayicaphukela lemeko kuba isigxothela abasebenzi.

**Amapolisa:** ubani nobani uyazifikisela apha kuthi. Osomashshni basothweswa ityala lokungawenzi kakuhle umsebenzi wethu kanti abo bahlwempu basibiza ngozwi lakhe. Siqwalasele into bana nabe jelo lezindaba banayo into ethi asenzi nto ukunqanda ukonakala kwemeko kanti banako ukusohlwaya besichaza njengaba nolunya ebantwini xa sizama ukunkceda.

**lipunks:** akukho mntu osifunayo kunjalo nje oku asaziwa noma sizi ziciko zaziphi na iimbiza. Inye qha into esiyifunayo, lulwamkeleko ebantwini nathi siphile ubomi obukhululekileyo njengaye nabani na. Nisithathisa okwabagqrogrisi, kanti kwanathi sizifumana sigrogrisekile bobubomi obuduri kunene nisiphilisa bona.

**Umfundi:** ukuba kuya ngami nge kukho ukunyamezelelana oluntwini luphela. Abantu abakhulu badla ngokusibiza ngamagama asichasayo thina lutsha.. u-Asi oyi-punk yasetyini uye waphazamiseka kwintetho ebesayenza ngenxa yokuthi gqi kwenye ye-punks ifuna into ebilapha kwaye imxelela eziqhinsini into bana ulibhetyebhetye, senditsho ungcothoza. Le-punk yenje njeya ukohlwaya ozakwabo ukuthi bangathini ukusuka bahlale bahlale bagqibe ek'beni yinxalenye yendibano echasene nenkululeko yabo. "iipunks azinaxetsha lothethathethwano" isho iwutsiba umgubasi. Uwonkewonke we shwaka.! Babenokuba kho kwicala losomashishini ababenovelwano no Asi, phofu bekukho inxalenye yabo engaziboni iipunks njengabantu abafanelwe lukhuselo ngokwase mthethweni. Le nxalenye yosomashishini ekuthethwa ngayo yaselele ibabhalele abasemthethweni inqanda ubukho bale nhlanganiso. Nangona kunjalo uninsi lwabantu base Zurich lwabonakalisa ukuhambisana nendaba yenhlanganiso okwakuyiyo ezoveza

iimbono ezahlukeneyo ze kufunyanwe isisombululo sengxaki ezijongene noluntu. Undoqo kukuba unsinsi lwabantu base Zurich lwabonakalisa ukuyivuyela eyomanyano. Indiba edlalwa babomthetho ayinonakunkceda nto xa uluntu lungabonakalisi ukuzimanya nabo.

**Uhlalutyo:** *Zininsi izinto ezathi zavela kulenhlanganiso kodwa oyena ndoqo kukuba kukho uqhekeko olunamandla olunjengomgca owahlula impumalanga kwi ntshonalanga. Ubani no bani ubona ku kuzithoba isidima ukudala uxolo nomnye. Ubukho bale nhlanganiso bubonakalisa iminqeno emihle yoluntu lwase Zurich ukuba kube kho uthethathethwano novisiswano*

### **Uthethathethwano lokuqala**

Emva kwenhlanganiso yase dolophini kwabakho uthethathethwano olunamandla olwaluchaphazela abo abadla ngokuhamba becela emgaqweni kunye nalabo ekucelwa kubo. Into eye yaqwalaseleka eyokuba abo kudla ngokucelwa kubo imali bafumana inzima ekwaleni kwananjalo abo bacelayo bafumana kunzima ukufumana imali eyoneleyo. Omnye wabongameli nhlanganiso wayicacisa mhlophe into yokuba akukho mehluko ukhoyo phakathi kwalamacala omabini, abo abahamba becela nalabo ekucelwa kubo. Kukho ukwohlwayana kulamacala womabini ngehambo nzima othwesana yona. Nto eyashiya abaninsi bemangalisiwe kukusuka lamacala womabini abungqine ubunyaniso balamazwi asele ekhankanyiwe ngaphezulu. Osomashishini bavakalisa izimvo zabo ngobuninsi bemali yerhafu, ze kwathi amapolisa avakalisa ukungaxoli kwawo zizohlwayo azifumanayo ebantwini ngokungawenzi kakuhle umsebenzi wawo. Lipunks zavakalisa nazo ukungaxoli kwazo ngendlela uluntu luphela oluzijongela ngayo phansi.

**Uhlalutyo:** *Eyona nto efunekayo impendulo kuzo zonke izikhalo. Omnye nomnye kulamaqela abantu uziva engahoyekanga nto leyo ebe ngunoebangele abaninsi babe wokuba abaninsi babe nama thandabuzo ukuza enhlanganisweni.*

Kuye kwabakho izinto ezininsi eziye zenzeka kule nhlanganiso, zinto ezo ezingakhange zibe ziyalindeleka. Ukwenza umzekeliso, bathe osomashishini ukuba babonise ukungayonwabeli into yokuba iipunks zisuke zichame nje naphina, ze ezinye ze punks zayicelela uxolo londawo zikwathembisa kwakho ukuzama kangangoko ezinako ukuzinqanda iziganeko ezifana nesi kwilixa elizayo. kangangoba enye yepunks iye yasukuma ukuvakalisa umbulelo kurhulumente nge-thoyilethi ezingohamba nendlwana ezifumaneka epaki. Nangona kunjalo lepunk iye yagxinanisa into bana urhulumente ngenga unyusa umgangatho wenhlanzeko kwezithoyilethi. Lepunk beyithetha yohlwaya kanobomi abanini dolophi ngokwehluleka ukucoca ezithoyilethi nto leyo engunobangela wokuba iipunks zizifumane

sele zizikhulula nje nomaphi na. Imbono endiye ndayivakalisa yokubana sisonke singama Swiss siyavana nococeko iye yazisa uncumo kumntu wonke.

Njengoko inhlanganiso beyiqhuba uninsi lwabantu luye lwayivuyela lenxaxheba yokuba umntu nomntu avakalise uluvo lwakhe. Omnye wosomashishini uye wabuza into yobana kungoku nje iipunks zizimisele na ukunqandana xa enye yazo ikhathaza kanobomi omnye wosomashishini okanye omnye wabaqeshwa babo. "ewe", kusitsho enye yepunks ebesele ithule ilixa elide "ndizimisele kuba sibonakala siphana imbeko sithethathethana. Nto leyo eye yabonakalisa ukumchana emphefumleni omnye wosomashishini. Itshilo ibuza nayo enye yepunks "anizusiyekela na nithule nijonge xa omnye wenu exovula omnye wethu?" Osomashishini bayibona ikukuzithoba isidima into yokumtsho u-'ewe' phambi komntu wonke. Lentandabuzo eyaye yaboniswa bosomashishini ekuphenduleni lombuzo wenye yepunks ngokuzeleyo, yaye yayikhuba imimoya yepunks ziphela. Lento yenza iipunks zaba nomsindo zidyhuduza enye yazo ithukisa kwaye igrogrisa ngokuthi bona bezipunks abonqeni ukubuyela kubundlobongela babo bakuqala. Thina bongameli benhlanganiso saye sayigxinanisa into yokubaluleka kwalendibano sikwavakalisa nangamandla lamacala womabimo anawo ukuzenzela imeko emaxongo. Saphinde savakalisa into bana umanyano ayiyonto enokufumaneka ngobuthathaka kunye noloyiko kodwa lunokufumaneka xa kunokuba kho injongo zokufumana isisombululo nokwandisa ubudlelwano obuhle.

**Uhlalutyo: Esakuqwalasela – saqwalasela ukuba mqiliba nokuba namandla kwamacala womabili. Ngokuvamileyo kubakho uloyiko nentandabuzo ngokuza kwi nhlanganiso zoluhlobo. Umntu nomntu uyaye abe noloyiko lokubedeshwa nokuguqulwa kwindlela acinga ngayo. Ze uthethathethwano lube impumelelo, kuyanyanzeleka into yokuba kube khona ukuqonda kumacala womabini ngamandla anawo okwenza izinto zibe nzima. Nguye nobani na oze kwi nhlanganiso uza nenjongo zokuba izimvo zakhe ziphiwe imbeko. Xa kunjalo, umntu nomntu uba nako ukuhlala amamele izimvo zabantu aphinde avakalise ezakhe ngomdla. Zatsho zava kala izithonga zabongameli balenhlanganiso, nto leyo eyabonakaliswa kukusukuma komnye wosomashishini basetyini evakalisa ukuzimisela ukunkceda azise ukhuseleko kwipunks xa zithe zazifumana zixovulwa ngomnye wabo. Kwake kwathuleka okwethutyana. Yavakala seysiitsho enye yepunks emva kwalo mpendulo "ewe kakade yinto enifanele ukuyenza leyo".**

**Uhlalutyo: ngokungqina koninsi lwabantu olwalukule nhlanganiso into bana luzakuyiguqula indlela ebebephatha ngayo iipunks, benjenje ukuzihlonela nokuzipha imbeko, lwaluqinisekisa umanyano oluquka abacalucalulwa nabacalucaluli. Oko kuthethe into yobana abayiyo inxa lenye yoninsi lwabantu oluchasene nepunks. Sebengcamango zabo ziguqukile, sebecinga ngothethathethwano nemvisiswano. Esi senzo sasibonakalisa mhlophe ukohluka kwabantu ababekule nhlanganiso xa kuthelekiswa**



*noninsi lwabantu base Zurich oludla ngokujongela phansi abantu abaphila ngendlela eyahlukileyo kuleyo abaphila ngayo. Esi yayi sisi qalo esihle sezinye iinhlanganiso ezifana nale ezazisazo kubakho kwixa elilandelayo. Lento ithetha ukuba akasekho umntu ozakuba nokujongeleka phansi. Njengoko osomashishini bangqina ukuba bazonqanda xa omnye wabo ethe waphatha gadalala nangayiphi na indlela omnye we punks nanjengoba nazo iipunks zazingqinile ukuba zi kwenje njalo. Ooko kwakuthetha mhlophe into bana iinhlanganiso ezifana nalena zisazakubakho phakathi kwaba somashishini kunye nepunks ababesele beyintwenye.*

Kwelityeli, omnye ophuma kwicala losomashishini obesele ethuli ixesha elide wanqanda ukusetyenziswa kwamagama anokuthi abangele uqhekeko phakathi kwepunks kunye nomntu wonke owayekule nhlanganiso. Kwabakho intswahla ekhapha lamazwi. Omnye wepunks wasukuma ukungqinelana nalomazwi. Ndikhumbula xa wayesithi "xa sisonke zange sicinge ukuba oluthethathethwano lwakufika kwelinqanaba esele lukulo sithetha nje". Njengoko umntu wonke ebona ukuba sele siyinto enye, mhlawumbi eli lixesha lokuba sithathe isgqibo sokuba nguye nabani na uzokwenza okusemandleni ukuba lube kho uxolo. Oko kujongise ikakhulu kwezinyanga ezintathu zizayo. Ek'yakuthi emva kwazo sifumane indlela eya phambili. Xa kunokuthi kubekho owufaka unyawo lemfene umsebenzi omhle kangakanana, maze singasethundezeke sibuyele emva. Maze sihlale njalo sicinga ngelemini yanamhlanje. Kuyawu nyanzeleka-ke ukuba siphinde sidibane emva kwezinyanga ezintathu sizakubona umgama esikuba sele siwuhambile kule ndlela yethu intsha yomanyano " .

Omnye wabongameli nhlanganiso wabuza ukuba ngubani ozakuthi amkhumbuze omnye xa eyilibala lemini yanamhla. Zashiyana ngotyefezo ukuphakama izandla.

Seyiphelile inhlanganiso amaqela onke abulelana ngbukho okwalandelwa kukuqhwytywa kwezandla. Uvuyo olwalu lapho wawungagqiba into bana nguncibidyhala. Nama polisa ayesokohlwaywa ngokuba nolunya kwipunks ne alkis aqhwytyelwa izandla. Ngasekuqaleni kwenhlanganiso kwakube kho muntu wumbi owayesokohlwaya amapolisa ngokuba bozwi lakhe. Ndikhumbula kak'hle xa umongameli wamapolisa eyivakalisa into kuba bona njengo mbutho wamapolisa bazama kangangoko banako ukunkceda uluntu koko njengaye wonke umntu nabo baneziphoso zabo. Ngamanye amaxesha ukhe ube nzima umsebenzi wamapolisa watsho eqhuba. Etsho enza umzekeliso womntu wumbi owayehlupha abakhweli baka loliwe aze athi amapolisa ezama ukunqanda eso siganeko waze yena wafumana inxaxheba yokuwabonisa into abhinqa ngayo, etsho ewagibisela elandelana amanqindi kwelinye lamapolisa. Kwaye kwafumaniseka ukuba ndoda leyo eyayibetha ipolisa yayisakuba yimbethi manqindi ehlawulwayo. Amapolisa amabini aye kulo ndibano avakalisa ukungoyonwabeli nokungayivisisi ncam le eyokubizwa ngo zwilakhe. Iipunks zaba nokuyiqwalasela-ke le.

## Amazwi okugqibela

Ndiyabulela kuwe Lukas ngokuyiphatha kakuhle lenhlanganiso. Ndibulele ukusebenzisana ngochulumanco. Mdoibulele nakwabo mbutho wokhuselo I-Security-intervention-prevention, I-SIP ukutsho. Ndibulele nakonondaba baseZurich ngenxaso ababe nayo kule nhlanganiso. ULukas sele eqalile ukusebenzisana nalabo abazimiseleyo ukuza kwindibano ezakubakho rhoqo ngenyanga. Ezingxoxo zisaqhuba ukususela ngexesha lase hlotyeni ku 2003, nto leyo ehambisana nezindlela ezintsha zokuphla kwabantu basezidolophini yase Zurich. Uwonke wonke wamkelekile kwezinhlanganiso oku kuquka amapolisa, abecandelo lezo somashishini, iipunks ne alskis njalo njalo. Sekubekho ububhetele kwiingxaki zendawo yase Stadelhofenplatz. Ndiyabulela kwinkqubela emgaba ebonakaliswa ngabongamele idolophi yase Zurich ikakhulu kuMonka Stocker kwinxaso abe nayo ekulungiselelweni kwalendibano.

Oku okulandelayo zifoto nama gqabantshintshi obekuqhubeka.



Le foto ibonakalisa abantu abohlukeneyo ebebeze kulenhlanganiso ebise Zurich.



Lo ngu-Asi no Max ngemva kwenhlanganiso: U-Asi isithethi sepunks esibe nengqaqambo enhlanganisweni.



Abecandelo lezo khuselo i-SIP ababenencaxheba enkulu abayidlalileyo ekulingiselelweni kwendibano. Sibabona bese ndaweni yokuthoba unxano bekwahlalutya obekuqhubeka enhlanganisweni. (Ukususela esandleni sase khohlo kuya kwesase kunene ngo Bivoldzic Ibrahim, Gabriela Merlini dos Santos, Lukas Hohler, Michael Herzig, Christian Fischer, and Max Schupbach)

raum der Band befindet, und entwendeten zwei Keyboards, mehrere Lautsprecherboxen, Mikrofone und eine Akustikgitarre. Die Stadtpolizei hofft nun auf hilfreiche Zeugenaussagen.

ZURICH AM FREITAG - ZURICH IN «Mode». In insgesamt zehn Fällen wurde Deliktsgut im Wert von über sechs Millionen Franken erbeutet. Die Stadt Zürich wurde in den vergange-

DRINGENSACHT, POLIZEISPRECHERIN Nicole Fix geht nicht davon aus, dass immer dieselbe Bande am Werk ist. «Diese Methode ist effektiv - deshalb wird sie angewandt.»

**B  
de**

ZÜRICH  
frist  
betre  
tution  
ungen  
gab  
geger  
schär  
Reto  
depar  
Minu  
hatte  
ment  
schie  
nen a

**Se  
eig**

ZÜRICH  
Migra  
hen i  
gratio  
nahra  
hat d  
Plus-  
die Si  
werk  
Secou  
des K  
sich d  
aus w  
entsp  
ten 54  
Mittel

**Gewerbevertreter und Punks gemeinsam im Konflikt-Zeit am Stadelhofen.** Markus Felschl

**Gewerbetreibende und Punks verschafften sich Luft**

ZÜRICH - Die Punkszene ist den Geschäftsinhabern am Stadelhoferplatz ein Dorn im Auge. Laut einigen Gewerbevertretern machen Kunden wegen der Punks einen Bogen um den Platz. Um die Situation zu entschärfen, lud gestern die SIP (Sicherheit, Intervention, Prävention) des Sozialdepartements beide Parteien zu einem Forum ins extra dafür aufgebaute Konflikt-Zeit auf dem Stadelhoferplatz ein. Rund 50 Personen, darunter knapp ein Dutzend Punks, verschafften sich Luft und machten Verbesserungsvorschläge.

Oku kufunyanwe kwi 20 Minuten eyiliphephandaba lase Swizerland.